**IMIYALELO NEENKCUKACHA**

1. Eli phepha lemibuzo linamacandelo amabini iCANDELO A neCANDELO B ngokusekelwe kwisikhokelo esimiselwe yiCAPS.

   **ICANDELO A: IMIBUZO ENGEZICATSHULWA (IISOSI)**

   UMBUZO 1: UKWANDISWA KWEMFAZWE I-COLD WAR: INTLEKELE YEZIXHOBO ZASE-CUBA

   UMBUZO 2: I AFRIKA EZIMELEYO: UPHANDO – ANGOLA

   UMBUZO 3: UQHANKQALAZO LOLUNTU UKUSUSELA KWIMINYA YE 1950s UKUYA KWI 1970s: IBLACK POWER MOVEMENT

   **ICANDELO B: IMIBUZO EMIDE**

   UMBUZO 4: IMFAZWE I-COLD WAR: UPHANDO – CHINA

   UMBUZO 5: I AFRIKA EZIMELEYO: UPHANDO OLUTHELEKISA AMAZWE AMABINI – I-CONGO NE-TANZANIA

   UMBUZO 6: UQHANKQALAZO LOLUNTU UKUSUSELA KWIMINYAKA 1950s UKUYA 1970s: I-CIVIL RIGHTS MOVEMENT

2. CANDELO A linemibuzo EMITHATHU engezicatshulwa (isosi). Imathiriyeli edingekayo ukuphendula le mibuzo ingafumaneka kwiSIHLOMELO.

3. ICANDELO B linemibuzo EMITHATHU emide.

EcoleBooks

4. Phendula imibuzo EMITHATHU ngolu hlobo:

   4.1 Ubuncinane phendula ube MNYE kwizicatshulwa noMNYE kwimibuzo emide.

   4.2 Umbuzo WESITHATHU usenokuba kwizicatshulwa okanye kwimibuzo emide.

5. Kucetyiswa ukuba uchithe iyure ibe NYE ubuncinane kumbuzo ngamnye.

6. Xa uphendula imibuzo sebenzisa ingqiqo, izakhono nolwazi okanye uluvo.

7. Uya kubekwa ebandezini (disadvantage) ngokukhuphela iisosi njengeempedulo zakho.

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokohlobo ekunonjolwe ngalo kweli phepha lemibuzo.

9. Umbuzo ngamnye wuqale kwiphepha ELITSHA kwaye krwela umgca ekupheleni kwempendulo yombuzo ngamnye.

10. Bhala cocekileyo nangokulandelekayo.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO A: IMIBUZO ENGEZICATSHULWA (IISOSI)

Phendula ubuncinane ube MNYE, kodwa ungadluli kwemiBINI, kweli candelo. Imathiriyeli edingekayo ukuphendula le mibuzo ingafumaneka kwiSIHLOMELO.

**UMBUZO 1: UKUTHUNYELWA KWEZIXHOBO ZE SOVIET KWAKUQINISA NJANI UKUJONGANA NGEZIKHONDO ZAMEHLO PHAKATHI KWE-UNITED STATES OF AMERICA NE-SOVIET UNION KWIMFAZWE I-COLD WAR KWIMINYAKA YOWE 1960s?**

Jonga kuSosi 1A, 1B, 1C no-1D ze uphendule le mibuzo ilandelayo.

1.1 Jonga uSosi 1A.

1.1.1 Ngokwe Soviet Union, leliphi ilizwe elinofaka ihlabathi kwimfazwe yenyukliya (thermonuclear war)? (1 x 1) (1)

1.1.2 Dwelisa izenzo eZINTHATHU ze USA ezazithathwa ngokuba ziqhwaya uqhushululu lokuqalwa kwemfazwe yi USSR. (3 x 1) (3)

1.1.3 Kutheni ucinga ukuba iUSSR yanika iCuba izixhobo zoshishino (industrial equipment) neempahla (goods)? (1 x 2) (2)

1.1.4 Chaza izinto eziyilabalabisayo le sosi kubafundi abenza uphando ngezizathu zama Russia zokuthumela izixhobo eCuba. (2 x 2) (4)

1.2 Funda uSosi 1B.

1.2.1 Chaza imiyalezo eyayidluliswa ngale mephu. Sebenzisa izinto eziyintluva ezikwisosi ukuxhsa impendulo yakho. (2 x 2) (4)

1.2.2 Sebenzisa iinkcukacha ezikwisosi nolwazi lwakho, chaza waphendula njani uMongameli uKennedy ne EXComm yakhe ngokubekwa kwezixhobo eCuba. (1 x 2) (2)

1.3 Jonga uSosi 1C.

1.3.1 Yintoni eyabangela ukuba iUSA iyibeke iliso elibukhali iCuba? (1 x 2) (2)

1.3.2 Ngokwale sosi, yayiyintoni isizathu sobukho bamabutho (bases) eCuba? (1 x 2) (2)

1.3.3 Nika inkcaza yegama elithi *ukwenza ikheswa (quarantine)* kwimeko ye Ntlekele yeziXhobo eCuba. (1 x 2) (2)

1.3.4 Phawula ucinga kwakutheni ukuze uKennedy athathe isigqibo sokuthetha nabantu base America. (2 x 2) (4)

1.4 Thelekisa uSosi 1C no1B. Chaza ukuba iinkcukacha ezikuSosi 1C zibuxhasa njani ubungqina obukuSosi 1B malunga nesenzo se America ngokuthunyelwa kwezixhobo eCuba. (2 x 2) (4)

1.5 Jonga kuSosi 1D.

1.5.1 Dwelisa iziphakamiso eziBINI ezenziwa ngu Khrushchev kwi USA ukusombulula iNtlekele yeziXhobo eCuba. (2 x 1) (2)

1.5.2 Ngokwale sosi, waluthatha njani uKhrushchev uvalolwandle (naval blockade) yi America? (1 x 2) (2)

1.5.3 Chaza wayezama ukuthini uKhrushchev xa wayesithi, 'Kwaye lisenokufika ixeshsa lokuba ela qhina liqhinwe liqine kangangokuba athi nalowo uliqhinileyo angabi namandla akulikhulula, ze kufuneke ukuba liqhawulwe', ngokusingise kwiNtlekele yeziXhobo eCuba. (2 x 2) (4)

1.5.4 Sebenzisa isosi nolwazi lwakho uchaze ukuba yasonjululwa njani iNtlekele yeziXhobo eCuba. (2 x 2) (4)

1.6 Sebenzisa iinkcukacha ezikwiisosi ezifanelekileyo nolwazi lwakho, bhala umhlathi omalunga nemiqolo eSIBHOZO (malunga namagama angama 80) uchaze ukuba ukuthunyelwa kwezixhobo zenyukliya eCuba kwaba negalelo njani ekujonganeni ngezikhondo zamehlo phakathi kwe USA ne USSR ngelixa lemfazwe iCold War. (8)

**[50]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**UMBUZO 2: KWAKUTHUENI UKUZE IINGANGAMSHA ZANGAPHANDLE ZIBANDAKANYEKE KWIMFAZWE YENKULULEKO YE ANGOLA?**

Jonga uSosi 2A, 2B, 2C no2D ze uphendule le mibuzo ilandelayo.

2.1 Sebenzisa uSosi 2A.

2.1.1 Nika inkcaza yegama elithi *'ukuzimela (independence)'* ngamazwi akho. (1 x 2) (2)

2.1.2 Nika amagama emibutho yenkululeko eMITHATHU eyalwela ukuzimela kweAngola. (3 x 1) (3)

2.1.3 Sebenzisa iinkcukacha ezikwisosi nolwazi lwakho ze uchaze kwakutheni ukuze imibutho yenkululeko emithathu ingabi nakusamkela isivumelwano sokulawula ngobambiswano esasimiselwe yi Alvor Accords. (1 x 2) (2)

2.1.4 Phawula kwakutheni ukuze urhulumente woMzantsi Afrika aluchase ulawulo lwe MPLA eAngola. (2 x 2) (4)

2.1.5 Kutheni ucinga ukuba intlekele yase Angola yakhula yaba ngummango wemfazwe iCold War? (1 x 2) (2)

2.2 Jonga uSosi 2B.

2.2.1 Ngokwale sosi, yayiyintoni isiseko somgaqonkqubo wezangaphandle woMzantsi Afrika? (1 x 2) (2)

2.2.2 Dwelisa izizathu eZINTHATHU ezikwisosi zokungenelela koMzantsi Afrika e Angola. (3 x 1) (3)

2.2.3 Kungafunyaniswa ntoni kwintetha ethi, 'Zombini iMPLA neSWAPO zazibonwa njengabameli (proxies) be Soviet ngelixa lemfazwe iCold War'? (1 x 2) (2)

2.2.4 Kutheni ucinga ukuba iUSA yabeka uxinizelelo kuMzantsi Afrika ukuba ubandakanyeke kwi Mfazwe yobuKhaya yase Angola? (2 x 2) (4)

2.3 Jonga uSosi 2C.

2.3.1 Caphula izinto eziNE kwisosi ezibubungqina obubonisa ukuba iUSA yayibandakanyeka ngokuthe ngqo kwiMfazwe yobuKhaya yase Angola. (4 x 1) (4)

2.3.2 Kutheni ucinga ukuba iCIA yapapasha ze yanika iinkcukacha ezibubuxoki malunga nokubandakanyeka kwe Russia ne Cuba eAngola? (1 x 2) (2)

2.3.3 Chaza ukubaluleka kwale sosi kwingcali yezembali ephanda ngezizathu zokubandakanyeka kwe America kwiMfazwe yobuKhaya yase Angola. (2 x 2) (4)

Copyright reserved 

2.4 Sebenzisa uSosi 2D.

2.4.1 Chaza imiyalezo edluliswa yifoto malunga nobudlelane phakathi kwe MPLA neCuba. Sebenzisa izinto eziyintluva kwisosi ukuxhsa impendulo yakho. (2 x 2) (4)

2.4.2 Zintoni eziyiqhwalelisayo le sosi kwingcali yezembali ephanda ngokuzimela kwe Angola ngowe 1975? (2 x 2) (4)

2.5 Sebenzisa iinkcukacha ezikwiisosi ezifanelekileyo nolwazi lwakho, bhala umhlathi omalunga nemiqolo eSIBHOZO (malunga namagama angama 80) uchaze kwakutheni ukuze iingangamsha zangaphandle (foreign powers) zibandakanyeke kwiMfazwe yeNkululeko ye Angola. (8)

**[50]**

ÉcoleBooks



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**UMBUZO 3: I-BLACK POWER MOVEMENT YABA NAFUTHE LINI KUMA-AMERICA ANTSUNDU KWIMINYAKA YOWE 1960s?**

Jonga uSosi 3A, 3B, 3C no3D ze uphendule le mibuzo ilandelayo.

3.1 Jonga uSosi 3A.

3.1.1 Nika inkcaza yekhonsepthi ethi *amalungelo oluntu (civil rights)* ngamazwi akho. (1 x 2) (2)

3.1.2 Ucinga ukuba uCarmichael wayezama ukuthini xa athi: 'I-Black Power Movement iziguqule izinto kubudlelane phakathi kwabantsundu nabamhlophe eUnited Sates?' (2 x 2) (4)

3.1.3 Dwelisa izizathu eZINTHATHU ezikwisosi ezabangela ukuba abantsundu base America bathathe isigqibo sokujoyina iBlack Power Movement. (3 x 1) (3)

3.1.4 Sebenzisa iinkcukacha ezikwisosi nolwazi lwakho, chaza kwakutheni ukuze iUSA ingaphatheki kakuhle yiCivil Rights Movement. (2 x 2) (4)

3.2 Jonga uSosi 3B.

3.2.1 Ngokwale sosi, ngubani owanika abantwana isidlo sakusasa mahala? (1 x 2) (2)

3.2.2 Caphula izinto eZINTATHU kwisosi ezibubungqina bokuba urhulumente wase America wayengayithandi iBlack Panther Party. (3 x 1) (3)

3.2.3 Kutheni ucinga ukuba iBlack Panther Party yagqiba ekubeni ibanike isidlo abantwana babantsundu phambi kokuba baye esikolweni? (1 x 2) (2)

3.2.4 Phawula ngentetha ethi: 'Ukudla kwabantwana isidlo sakusasa, ipolitiki yeBlack Panther yayinganiki mdla kunokutya eyayibonelela ngako.' (1 x 2) (2)

3.2.5 Uyangqinelana na nentetha yokuba iinkqubo ze Black Panther Party zeSidlo sakuSasa saMahala zaba yimpumelelo? Xhasa impendulo yakho ngokucaphula izinto eziMBINI kwisosi. (2 x 2) (4)

3.3 Jonga kuSosi 3C.

3.3.1 Ucinga ukuba yayiyintoni injongo yomfoti yokupapasha le foto? Sebenzisa izinto eziyintluva kwisosi ukuxhsa impendulo yakho. (2 x 2) (4)

3.3.2 Thelekisa uSosi 3B no 3C. Iinkcukacha ezikuSosi 3B zibuxhasa njani ubungqina obukuSosi 3C malunga neenkqubo ze Black Panther Party? (2 x 2) (4)

3.4 Jonga uSosi 3D.

3.4.1 Ngokwale sosi, wabandakanyeka njani uEricka Huggins kwi Black Power Movement? (1 x 2) (2)

3.4.2 Ngokwale sosi, msitho mni owaphembelela uEricka ukuba ajoyine iBlack Panther Party? (1 x 2) (2)

3.4.3 Chaza ukuba indima ka Ericka Huggins yakhabana njani noluvo lweBlack Panther Party njengombutho owonganyelwe ngamadoda. (2 x 2) (4)

3.5 Sebenzisa iinkcukacha ezikwiisosi ezifanelekileyo nolwazi lwakho, bhala umhlathi omalunga nemiqolo eSIBHOZO (malunga namagama angama 80) uchaze ngefuthe leBlack Power Movement kumaAmerica aNtshundu kwiminyaka yowe 1960s. (8)

**[50]**

ÉcoleBooks



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO B: IMIBUZO EMIDE

Phendula ubuncinane umbuzo oMNYE, kodwa ingadluli kwemiBINI kweli candelo.

Impendulo yakho kufuneka ibe malunga namaphepha amaTHATHU ubude.

### UMBUZO 4: UKWANDISWA KWEMFAZWE I-COLD WAR: UPHANDO – CHINA

Chaza ukuba yaba yimpumelelo njani imigaqonkqubo ye Great Leap Forward and the Cultural Revolution ukuguqula iChina ekubeni lilizwe eliphila ngolimo lwamandulo ibe lilizwe lezoshishino.

Xhasa ingxam yengxoxo yakho ngobungqina obufanelekileyo. **[50]**

### UMBUZO 5: I AFRIKA EZIMELEYO: UPHANDO OLUTHELEKISAYO

Yenza isigxekoncomo uxoxe banzi ngendlela uMobutu Sese Seko (Congo) noJulius Nyerere (Tanzania) abayisingatha ngayo imingeni yezoqoqosho neyezepolitiki amazwe abo ayejongene nayo emva kokufumana inkululeko yawo. **[50]**

### UMBUZO 6: UQHANKQALAZO LOLUNTU UKUSUSELA KWIMINYAKA 1950s UKUYA 1970s: I-CIVIL RIGHTS MOVEMENT

'Amanyathelo oqhankqalazo ahlukileyo eCivil Rights Movement abuphucula ngempumelelo ubomi bama America aNtsundu eUSA kwiminyaka yowe 1960s.'

Ingaba uyavumelana nale nkcaza? Xhasa impendulo yakho ngobungqina bezembali. **[50]**

ÉcoleBooks

**TOTAL: 150**

Copyright reserved